

## Is my child reading?

Learning to read is a journey of discovery. As you travel through the world of storybooks with your children, you'll uncover different treasures and pleasure along the way. You might notice that your child who used to run off when you tried to read to him, now has a favourite picture book which he brings to you to read – over and over again! Or maybe you're surprised the first time that your older child sits down with her younger brother and pretends to read to him from a familiar picture book.

If you read regularly with your children, you will notice that their book habits change over time. Here are some of the "signposts" that point out a successful reading journey.

- Babies may become quiet as you start to read a book to them, showing that they are listening, and sometimes they may clap or kick their legs to show their excitement.

Some babies make sounds as you read to them. They are trying to imitate you.


- As children start to try to "read" on their own, they often turn the pages of the book, looking at the pictures while they make up their own story. (Sometimes they tell a different story each time!) This shows that they have learnt that the pictures give clues to what the story is about.
- Are there some storybooks that your children ask you to read again and again? You may

find your children "reading" these books on their own by looking at the pictures and telling the story. They may use a mixture of their own words with some of the actual words from the story. This is an important step in learning to read because it means that children realise that written words stay the same each time you read them.

- As children begin to read aloud for themselves and come across an unfamiliar word, you may notice that they try to guess what the word is by using what has already happened in the story to help them. Or, they may use the accompanying picture to give them clues to what the unfamiliar word might be. These are clear signs that your children are well on their way to being independent readers. They know that reading is about making meaning.

When you go on a journey, you are not called a "traveller" only when you reach your destination. Learning to read is exactly the same. Your children are readers at each stage of their reading development journey.

Noodle



Neo

## Ingaba umntwana wam uyafunda?

**Ukufunda ukufunda luhambo lokufumanisa nokuqonda. Njengokuba nihamba kwihlabathi leencwadi zamabali kunye nabantwana bakho, niza kuhlanguka nobutyebi kunye nobumnandi endleleni yenu. Ungaqaphela ukuba umntwana wakho owayesoloko ebaleka xa uzama ukumfundela, ngoku uneyona ncwadi yemifanekiso ayithandayo nayizisa kuwe ukuba umfundele – uyiphinda-phinde! Okanye, mhlawumbi wothuka mhla ubona umntwana wakho omdalana ehlala phantsi kunye nomninawa wakhe, enze ngathi uyamfundela kwincwadi eqhelekileyo yemifanekiso.**

Ukuba ufunda rhoqo kunye nabantwana bakho, uza kuqaphela ukuba imikhwa yabo yeencwadi iyatshintsha ekuhambeni kwexesha. Nazi ezinye "impawu" ezibonakalisa ukuba uhambo lokufunda lwenu luyimpumelelo.

- Iintsana ziya kuthula xa uqala ukuzifundela incwadi, zibonakalisa ukuba zimamele kwaye ngamanye amaxesha ziya kuqhwaba izandla okanye zikhabalaze ngemilenze yazo zibonakalisa ukuchulumanca. Ezinye iintsana zenza izandi njengokuba uzifundela. Zizama ukulinganisa wena.
- Njengokuba abantwana beqala ukuzama "ukuzifundela", basoloko betyhila-tyhila amaphepha encwadi, bejonge imifanekiso lo gama bezenzela elabo ibali. (Ngamanye amaxesha babalisa ibali elahluke kwaphela xesha ngalinye befunda loo ncwadi!) Oku kubonisa ukuba bafunde ukuqonda ukuba imifanekiso inika umkhondo okanye iingcebiso malunga nokuba ibali lingantoni na.
- Ingaba kukho iincwadi zamabali abantwana bakho abakucela ukuba uzifunde uziphinda-phinde? Ungafumanisa abantwana bakho "bezifundela" ezi ncwadi ngokujonga imifanekiso baze babalise ibali. Bangasebenzisa umxube wamagama abo kunye namagama aphuma ngqo apha

ebalini. Eli linqanaba elibalulekileyo ekufundeni ukufunda kuba lithetha ukuba abantwana bayaqonda ukuba amagama abhaliweyo akatshintshi kwixesha ngalinye uwafunda.

- Njengokuba abantwana beqalisa ukuzifundela ngokuvakalayo ze bahlangane negama abangaliqhelanga, uyakuqaphela ukuba bazama ukuqashela ukuba igama elo lithini na ngokusebenzisa oko sele kwenzekile ebalini ukubanceda. Okanye, bangasebenzisa umfanekiso ohamba negama elo njengomkhondo ukuze bafumanise ukuba eli gama lingaqhelekanga lithetha ntoni na. Ezi zimpawu ezicacileyo ezibonisa ukuba abantwana bakho basemkhondweni oza kubenza abafundi abazimeleyo. Bayazi ukuba ukufunda kumalunga nokufumana intsingiselo.

Xa uthatha uhambo, akuthiwa "ungumhambi" kuphela xa uthe wafika apho uya khona. Ukufunda ukufunda kufana nqwa nokuba ngumhambi. Luhambo kwaye abantwana bakho ngabafundi kwinqanaba ngalinye lokuphuhla kokufunda kwabo.



Drive your imagination

Read to me. Never too early.  
Never too late.  
Ndifundele. Awukashiywa lixesha.  
Lingasoze likushiye.





# Laugh aloud!

World Laughter Day is celebrated on 5 May each year. Enjoy reading these funny poems and jokes and then try writing some of your own to share with others on 5 May!

## Hleka ugigitheke!

USuku lokuHleka lweHlabathi lubhiyozelwa rhoqo ngonyaka ngomhla wesi-5 kuCanzibe. Konwabele ukufunda le mibongo ihlekisayo neziqhulo uze uzame ukubhala ezakho wabelane ngazo nabanye ngomhla wesi-5 kuCanzibe!




Haha

**Question:**  
What is black and white and makes a lot of noise?

Answer: A zebra playing the drums!

**Umbuzo:** Yintoni emnyama namhlophe kwaye yenza ingxolo engathethekiyo?

Impendulo: Liqwarhashe elibetha amagubu!



haha

**Teacher:**  
Nosipho, put some more water in the fish tank, please.

Nosipho: I put some water in last week, but the fish haven't drunk it yet!

**UTitshala:** Nosipho, yongeza amanzi kwitanki eligcina iintlanzi.

Nosipho: Bendiwongezile kule veki iphelileyo kodwa azikawaseli nje nangoku!



**Question:**  
What's brown, has a hump and lives at the North Pole?

Answer: A lost camel!

**Umbuzo:** Yintoni ebrawuni enesifombo ehlala eNorth Pole?

Impendulo: Yinkamela elahlekileyo!

There was an Old Derry down Derry,  
Who loved to see little folks merry;

So he made them a book,  
And with laughter they shook  
At the fun of that Derry down Derry.

Edward Lear

There was an Old Man of Peru,  
Who watched his wife making a stew;  
But once by mistake,  
In a stove she did bake,  
That unfortunate Man of Peru.

Edward Lear

Haha



hahaha...

**Patient:**  
Doctor, Doctor, I keep thinking I'm invisible.

Doctor: Who said that?

**Isigulane:** Gqirha, Gqirha, ndisoloko ndicinga ukuba andibonakali.

Gqirha: Ngubani lo uthethayo?


**Question:**  
Why do elephants never forget?

Answer: Because nobody ever tells them anything!

**Umbuzo:** Kutheni iindlovu zingalibali nje?

Impendulo: Kuba akukho mntu ukhe azixelele nto!

Haha hahaha...



## Phumelela!

Thumela iifoto zabantwana bakho behleka ezona ziqhulo bazithandayo ku-[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA) okanye wabelane ngazo kuTwitter @nalibaliSA okanye uzithumele nge-imeyile ku-[letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) ngaphambi komhla wama-31 kuCanzibe kowama-2013 ze ube sethubeni lokuphumelela amabhaso amakhulu nancumisayo.

## Win!

Post photos of your children laughing at their favourite jokes at [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA), or share them on Twitter @nalibaliSA, or email them to [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) until 31 May 2013 and stand a chance to win great prizes.

### Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
  2. Fold it in half along the black dotted line.
  3. Fold it in half again.
  4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo.
  2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
  3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
  4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



There was thunder and lightning. It began to rain. They couldn't see the street signs. Kwakukho indudumo nemibane. Yaqalisa imvula ukuna. Abakwazanga kubona imigondiso yendlela esitalatweni.



Eventually, they reached the city ... and got lost. It was getting dark. Ekugqibeleni, bafika esixekweni ... baza balahleka. Kwakusele kubamnyama.




We publish what we like

This is an adapted version of *Finding Aunt Joan*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Ukufumana uMakazi uJoan*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination

Fold

## Finding Aunt Joan Ukufumana uMakazi uJoan



Jenny Hatton  
Joan Rankin



Cars hooted at them. Taxis swerved around them. Drivers made signs. Mother couldn't read the map. Father was cross.

Iimoto zabapopozela. Iiteksi zaphaphana nabo. Abaqhubi benza iimpawu ezithukisayo. Uma wayengakwazi ukufunda imaphu. Uta wayekhathazekile.



Fold

and drove.  
baqhuba.



and drove ...  
baqhuba ...



They drove ...  
Baqhuba ...



... and hot food!  
... nokutya okutshisayo!



Lucy had to go to East London with her family. They drove all the way from Mthatha.



Fold

“Sesiza kuFika?” wakhala uLucy.

Yayinde indlela ...

“Are we there yet?” cried Lucy.

It was a long way ...



Fold

It was time to phone Aunt Joan.  
“Wait right there. I’ll come and fetch  
you,” she said.  
Yayilixesha lokufowunela uMakazi uJoan.  
“Lindani kulo ndawo. Ndiyeza ukuba  
kunianda.”



ULucy kwakufuneka aye eMonti  
nosapho lwakhe. Baqhuba yonke  
indlela ukusuka eMthatha.

... and, at last, they found  
Aunt Joan ...

... ekugqibeleni, bamfumana  
uMakazi uJoan ...



Fold

They drove through the countryside.  
 Baghuba kwimimandla esemaphandleni.



She was squashed in the back seat  
 between her brother Simon's dog and her  
 cousin Sandi's mouse.


Wayeminxeke kwisitulo esingasemva  
 ephakathi kwenja yomnakwabo uSimon  
 nempuku yomzala wakhe uSandi.

They waited ...  
 and waited ...  
 The mouse scabbled. The dog stank.  
 Balinda ...  
 balinda ...  
 Impuku yapfumputha. Inja yanukisa.



Sandi opened the door. Out jumped  
 Jonty. Out jumped Sandi, out jumped  
 Simon, out jumped Lucy. They all chased  
 Jonty round the corner, up the hill ...

USandi wavula ucango. Watsibela  
 ngaphandle uJonty. Watsibela ngaphandle  
 uSandi, watsibela ngaphandle uSimon,  
 watsibela ngaphandle noLucy. Bonke baleqa  
 uJonty ukujikela ikona ukwenyuka induli ...



## Get story active!

After you and your children have read *Finding Aunt Joan* try out some of these ideas.

### If you have 10 minutes...

- Look closely at the pictures in the story together. They are filled with lots of fun details! Point out the things you find interesting and ask your children what they notice in the illustrations.
- Choose an object in one of the pictures, for example, Lucy's blue bear or the family's car, and let your children see if they can find it in the others pictures of the story.

### If you have 30 minutes...

- Talk together about getting lost. Share a story about a time that you got lost and then how you found your way to where you wanted to go. Do your children have experiences of getting lost? Ask them to share their stories.

### If you have one hour...

- Imagine that the story carried on after page 15. What do your children think might have happened after everyone had finished eating? Encourage them to draw a picture and write about what they think might happen next. Help younger children by writing the words that they tell you.

## Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elisihloko sithi *Ukufumana uMakazi uJoan* zama ezi ngecebiso zilandelayo.

### Ukuba unemizuzu eli-10...

- Jongani ngocoselelo le mifanekiso isebalini nikunye. Izele ziinkcukacha ezonwabisayo! Khomba izinto ozifumanisa zinomdla uze ubuze abantwana bakho ukuba baqaphela ntoni na kule mifanekiso.
- Khetha into komnye wemifanekiso, umzekelo, ibhere ezuba kaLucy okanye imoto yosapho, uze uvumele abantwana bakho bakhangele ukuba bangayifumana kusini na kweminye imifanekiso yebali.

### Ukuba unemizuzu engama-30...

- Ncokolani malunga nokulahleka. Yabelana nabantwana bakho ngebali elimalunga nexesha owawukhe walahleka ngalo nendlela owathi wayifumana ngayo indlela eya apho wawufuna ukuya khona. Ingaba abantwana bakho banawo amava okulahleka? Bacele ukuba babelane nawe ngaloo mabali.

### Ukuba uneyure...

- Yiba nomfanekiso-ngqondweni wokuba ibali liqhubekile emva kwephepha le-15. Abantwana bakho bacinga ukuba ngekwenzeka ntoni emva kokuba wonke umntu egqibile ukutya? Bakhuthaze ukuba bazobe umfanekiso baze babhale okulandelayo abacinga ukuba kuye kwenzeka. Nceda abantwana abancinane ngokubabhalela amagama abakuxelela wona.

## Reading club corner

Are you looking for ways to make sure that the children at your club have stories to read at home too? Create a lending library using the mini-books and Story Corner stories. The children can take these home to read with family members until your next reading club session. Use a record sheet like the one alongside to help you remember which stories have been borrowed and which have been returned.

## Ikona yeklabhu yokufunda

Ingaba ukhangela iindlela zokuqinisekisa ukuba abantwana beklabhu yokufunda yakho banamabali okufunda ekhaya? Yenza ithala leencwadi lokubolekisa usebenzisa iincwadana ezincinane ozenzele zona kunye namabali afumaneka kwiNdawo yamaBali. Abantwana mabakwazi ukuwathatha bagoduke nawo bawafunde emakhaya namalungu eentsapho zabo baze bawabuyise kwindibano elandelayo yeklabhu. Sebenzisa uxwebhu lokubhala phantsi olufana nolu lungasekunene ukuze lukuncede ukhumbule ukuba ngawaphi amabali abolekiweyo kwaye ingawaphi abuyisiweyo.

Name of story	Child's name	Date borrowed	Date returned
---------------	--------------	---------------	---------------

Isihloko sebali	Igama lomntwana	Umhla elibolekwe ngawo	Umhla elibuyiswe ngawo
-----------------	-----------------	------------------------	------------------------

Look out for this feature in future Nal'ibali supplements for ideas and advice on running a reading club!

Jonga eli candelo kumahlelo alandelayo kaNal'ibali ukuze ufumane iingcebiso zokuqhuba iklabhu yokufunda!



### Days to celebrate at your club in May

- 1 May Worker's Day
- 5 May World Laughter Day
- 12 May Mother's Day
- 12 May Edward Lear's birthday (famous writer of funny poems)
- 15 May International Day of Families
- 23 May Margaret Wise Brown's birthday (author of the award-winning picture book, *Goodnight Moon* as well as many others)
- 25 May Africa Day

### Iintsuku ezinokubhiyozelwa kwiklabhu yokufunda yakho kuCanzibe

- 1 kuCanzibe uSuku lwaBasebenzi
- 5 kuCanzibe uSuku lokuHleka lweHlabathi
- 12 kuCanzibe uSuku looMama
- 12 kuCanzibe umhla wokuzalwa kuka-Edward Lear (umbhali owaziwayo wemibongo ehlekisayo)
- 15 kuCanzibe uSuku lweeNtsapho lweHlabathi
- 23 kuCanzibe usuku lokuzalwa lukaMargaret Wise Brown (umbhali wencwadi yemifanekiso ewongwe ngembasa esihloko sithi *Goodnight Moon* kwakunye nezinye ezininzi)
- 25 kuCanzibe uSuku lwe-Afrika

Neo



## Story corner

Here is story for you to read aloud or tell.

### The little girl who didn't want to grow up (Part 1)

Retold by Veronique Tadjó

Ayanda was a little girl who lived with her parents, her grandmother and her younger brother. She was a happy child who was always smiling. She adored her father.

One day, a terrible war broke out. Her father was forced to go and fight in the army. Ayanda's family heard nothing from him – not a word. Then victory was declared. The soldiers came home proudly. Ayanda waited anxiously for her father. She imagined all the wonderful things that they would do together. But he never came back. Ayanda's heart was broken. Nobody could console her. It seemed as if her pain would never go away.

Her sadness turned to anger. "Why was my daddy killed in the war? It is so unfair!" She decided to stop growing up.

People would ask, "Ayanda, why are you still so tiny?"

She would simply reply, "Because grown-ups are cruel. They go to war. I don't want to be like them."

As the years went by, the girls in the village started to grow up. But Ayanda remained tiny.

One evening, Ayanda's mother became very ill. She was taken to the hospital in a small town far away from the village. The doctors decided to keep her there until she was well again. Ayanda's grandmother had to do all the household chores. She was weak and had a bad back, which made everything difficult. Ayanda was sad to see her work so hard.

"If only I were a little bit bigger, I could help Grandma take care of the house," thought Ayanda. So, she let herself grow just enough to feel stronger. Full of energy, she was soon able to do everything for her grandmother.

After that, each time Ayanda needed to be bigger to do one thing or the other, she would let herself grow a little bit more. But, while Ayanda's mother was still in hospital, her grandmother also fell sick. Now Ayanda had to do all the chores, take care of her younger brother and look after her grandmother, all on her own.

"I think I need to grow a little bit more," she said to herself. "At least until Mother comes back." And that's exactly what she did.



When, at last, Ayanda's mother came home, Ayanda had grown so much that her mother almost didn't recognise her. She was now one of the most beautiful girls in the village.

**Find out next week how brave Ayanda saves her village.**



Adapted from *The little girl who didn't want to grow up* and *Intombazana encinane eyayingafuni kukhula*. Published by Jacana. © 2010



Illustration by Catherine Groenewald  
Imifanekiso ngu Catherine Groenewald

## Indawo yamabali

Nali ibali onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise.

### Intombazana encinane eyayingafuni kukhula (Inxalenye 1)

Libaliswa kwakhona ngu Veronique Tadjó

U-Ayanda wayeyintombazana eyayihlala nabazali bayo, nomakhulu wayo kunye nomnakwabo. Wayengumntwana owonwabileyo nowayesoloko enoncumo. Wayemthanda ngokungathethekiyo utata wakhe.

Ngenye imini kwaqala imfazwe embi. Utata wakhe wanyanzeleka ukuba aye kulwela umkhosi welizwe labo. Usapho luka-Ayanda aluzange luvote tu kutata wakhe ngokwenzekayo. Utshaba loyiswa. Amajoni abuyela ekhaya. U-Ayanda wayengxamele ukubona utata wakhe. Wayenombono wezinto ezininzi ezintle ababeza kuzenza kunye. Kodwa akazange abuye. Yayibuhlungu intliziyo ka-Ayanda. Kwakungekho namnye umntu owayenokumthuzela. Kwakukhangeleka ngathi intlungu yakhe yayingasokuze iphele.

Iintsizi zakhe zajika zaba ngumsindo. "Kutheni ukuze utata wam abulawe emfazweni? Oku akulunganga ngenene!" Wagqiba kwelokuba ayeke ukukhula.

Abantu babedla ngokubuza bathi, "Ayanda kutheni le nto usemncinane nje?"

Wayedla ngokuphendula athi, "Kuba abantu abadala bakhohlakele. Baya emfazweni. Andifuni kufana nabo."

Itshe ngokuya ihamba iminyaka, amantombazana elali aqalisa ukukhula. Ngaphandle kuka-Ayanda owahlala emncinane.

Ngolunye urhatya, umama ka-Ayanda wagula kakhulu. Waye wasiwa kwisibhedlele esikwidolophana eyayikude nelali. Oogqirha bagqiba ekubeni bamgcine apho esibhedlele ade apha. Umakhulu ka-Ayanda kwanyazeleka ukuba enze yonke imisebenzi yasekhaya. Wayedinwa msinyane kwaye wayenomqolo obuhlungu, nto leyo eyenza ukuba izinto zibe nzima ngakumbi. U-Ayanda waba nosizi kukumbona umakhulu esebenza nzima.

"Ukuba bendimkhulwana kunoku, bendinokuncedisa uMakhulu ngemisebenzi yasekhaya," wacinga njalo u-Ayanda. Waziyeka ke wakhula kancinane nje ukuba azive omelele. Wabanakho ukwenzela umakhulu wakhe yonke into, enamandla nodlamko.

Emveni koko, ngalo lonke ixesha u-Ayanda kufuneka abemkhulu khona ukuze akwazi ukwenza izinto ezithile, wayeziyeka ukuba akhule kancinane nje. Kwathi ngelixa umama ka-Ayanda asesibhedlele, wasuka nomakhulu wakhe wagula. Ngoku, u-Ayanda kwakufuneka enze yonke imisebenzi yasekhaya, akhathalele umnakwabo futhi abuye onge nomakhulu wakhe ngokwakhe.

"Ndicinga ukuba kufuneka ndikhule kancinci nje," wazixelela u-Ayanda. "Ade apha umama." Inene wenza njalo.

Ekugqibeleni uthe akubuya umama ka-Ayanda, wavuyiswa kukubona u-Ayanda ekhule ngeyona ndlela kangangokuba nomama wakhe waphantse akamazi. U-Ayanda ngoku wayengomnye wamantombazana abalaseleyo ngobuhle.

**Funda kwiveki elandelayo ufumanise ukuba u-Ayanda okhaliphileyo wayisindisa njani ilali yakhe.**


### In your next Nal'ibali supplement:

- How to create a print-rich environment
- Make a Mother's Day card
- Mini-book, *You can dance*
- The final part of the read-aloud story, *The little girl who didn't want to grow up*

Can't wait until next week for more reading and story tips, stories and inspirational ideas? Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or find us on Facebook: [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

Find us on your cellphone:

[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)  
Sifumane kwiselula yakho:  
[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



### Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ungasenza njani isimo esichume ngokuprintiweyo
- Yenza ikhadi lokubhiyozela uSuku looMama
- Incwadana encinane, *Ungabangumdansi ogqwesileyo*
- Inxalenye yokugqibela yebali elifundwa ngokuvakalayo, *Intombazana encinane eyayingafuni kukhula*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ukuze ndifumane ezinye iingcebiso ngamabali, amabali amatsha kunye neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali! Ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye sifumane kuFacebook: [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

